

UKUPHUCULA UKUSETYENZISWA KWAMANDLA EKHAYENI LAKHO

Sichitha imali eninzi embaneni. Kufanele ukuba ikhona indlela yokonga iindleko.



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI





YINTONI AMANDLA?

Amandla abalulekile kwaye ayinxalenye yobomi bethu emakhaya. Amakhaya amaninzi asebenzisa isinye esithathwini semirholo yabo bethenga amandla abawasebenzisayo emakhaya.

Emzantsi Afrika olona hlobo lusetyenziswayo lwamandla ngumbane, amalahle, iparafini nerhasi. Ezi zinto ziyabiza kakhulu kwaye zinokungabikho sempilweni zingakhuselekanga kananjalo.



UNGAWONGA NJANI UMBANE

Ukuba wazi ngamandla kungakunceda ukuba wazi eyona nto ilungele iimfuno zakho. Funa eyona nto ikhoyo nefumanekayo, ekhuselekileyo (engenabungozi empilweni), into ecocekileyo (engangcolisiyo). Kungcono kokusingqongileyo ukuba amandla aphinde asetyenziswe kwakhona. La ngamandla avela elangeni (solar energy), namandla avela kumoya namanzi (hydro energy).

UKUKHETHA UKONGA AMANDLA

UKUKHETHA MALUNGA NOKUPHEKA



- **Efumanekayo nenexabiso eliphantsi.** Eyona ndlela ibiza kancinci yokupheka kukupheka nge-solar cooker ethi ifudunyezwe lilanga. Kodwa ke ayinakusetyenziswa yodwa kwaye ayipheki zonke iintlobo zokutya. Izitovu zombane ziyabiza. Ukusebenzisa irhasi kufuna izixhobo zayo kunye neebhotile zerhasi ezithi zifune indawo yokuzibeka.
- **Ukhuseleko.** Iparafini ayikhuselekanga kwaye ayikho sempilweni. Ukupheka ngerhasi okanye umbane kukhuselekile, kodwa ukupheka ngelanga kokona kukhuseleke nangakumbi.
- **Ukucocwa nokuhlaziya.** Ukupheka ngelanga kokona kucecekileyo kulandelwe yirhasi nombane. Ii bhokisi ezishushu (insulated box) zithi zehlise iqondo lamandla asetyenziselwa ukupheka. Umbane usetyenziselwa kakhulu ukupheka, kodwa ufumaneka emalahleni, malahle lawo athi angcolise umoya.
- **Okona unokukukhetha.** Kungcono usebenzise intlobo ezimbini zezixhobo zokupheka izinto ezifana nesitovu sombane neringi yerhasi.

UKUKHETHA MALUNGA NOKUFUDUMEZA AMANZI

- **Efumanekayo nenexabiso eliphantsi:** Amanzi afudunyezwa elangeni ngawona axabiso liphantsi kodwa ukuthenga izixhobo zokufudumeza kokona kubizayo. Iigiza zombane nerhasi nazo ziyabiza. Olona hlobo luxabisa phantsi yiparafini kodwa nayo ihamba ihambe ibize emva kwexesha.
- **Ukhuseleko:** Iindlela ezininzi zokwenza amanzi shushu zikhuselekile. Ukubalisa amanzi kwisitovu separafini nokubeka amanzi phezu kwisitovu ngembiza kungayingozi. Imililo ebaswa phakathi endlwini ithi ingcolise. Oku kungabanga izifo zemiphunga ezifana ne-bronchitis kunye ne-sifuba esiminxeneyo.
- **Ukucoca nokuhlaziya:** Olona hlobo lucocekileyo lolo lwenkqubo yamanzi abekwa elangeni.
- **Okona unokukukhetha:** Izishushubezi zamanzi ngelanga yeyona ndlela iyiyo yokushushubeza amanzi. Irhasi kunye negiza yombane egqunywe ngerabha ukwenzela ubushushu bungaphumi okanye olunye uhlobo lwegiza olushushubeza amanzi ngoko nangoko zezona ntlobo zilungileyo.

ELONA CEBO LIBALULEKILEYO LELI:

- YENZA UKHETHO OLULULO
- UKUSEBENZISA IINDIDI EZAHLUKENEYO ZAMANDLA KOKONA KULUNGILEYO
- QONDA IINGOZI NGOKWEZE-MPILO NOKHUSELEKO
- THATHA ISIGQIBO NGOKWEMALI ONAYO



UKWENZA UKHETHO LOKUKHANYISA ENDLWINI



- *Efumanekayo nenexabiso eliphantsi:* Umbane lolona hlobo luxabiso liphantsi. Iiglobhu ezinde (CFL's) zokukhanyisa zezona zingawutyi kakhulu umbane kodwa ziyabiza xa uzithenga. Zithatha ixesha eliphindaphindwe kasibhozo ukukhanyisa kunezo ziqhelekileyo.
- *Ukhuseleko:* Izibane zombane zezona zikhuselekileyo. Ezo zeparafini ziyingozi kwaye azikho sempilweni. Amakhandlela nezibane zeparafini zezona ziba ngunobangela womlilo.
- *Ukucoca nokuhlaziya:* I-solar system ezaziwa ngokuba zi"photo voltaic" zezona zicocekileyo kodwa ziyabiza kakhulu. Ukukhanyisa ngombane kokona kucocokileyo.
- *Okona unokukukhetha:* Ukukhanyisa ngombane lolona hlobo lululo, usebenzisa iglobhu ezinde (compact fluorescent lights).

UKUKHETHA UKUSHUSHUBEZA INDLU



- *Efumanekayo nenexabiso eliphantsi:* Amalahle neparafini zezona zinto zixabiso liphantsi zaye zenza iinkonzo ezahlukeneyo ngexesha elinye .Umzekelo ngowokuba isitovu samalahle siyapheka, senze indlu shushu siphinde sibilise amanzi ngexesha elinye.
- *Ukhuseleko:* Amalahle, iinkuni kunye neparafini zithi zibe nomngcipheko omkhulu wezempilo nokhuseleko.
- *Ukucoca nokuhlaziya:* Umbane nerhasi aziyingcolisi indlu. Okungcono nokucocekileyo kukuba uqinisekise ukuba ikhaya lakho lifudumele ngokwaneleyo. Oku kuthetha ukuba usebenzise izinto ezibubambayo ubushushu nokuthi ulijongise ikhaya lakho elangeni libekude emoyeni obandayo.
- *Okona unokukukhetha:* Kukuthi wakhe ikhaya elisebenzisa ilanga nelinezibambi bushushu. Okanye sebenzisa isishushubezi sombane okanye eserhasi emagumbini akho. Sebenzisa amakhetini awomeleleyo ezifestileni uvale iindawo ezingenisa umoya.

UKUKHETHA IZIKHENKCEZISI

- *Ukufumaneka nexabiso eliphantsi:* Isikhenkcezisi sombane sixabiso phantsi kakhulu kuneserhasi neparafini. Uhlobo lwezikhenkcezisi ezifutshane ziyakugcina ukubanda kunezo zinamacango amileyo.
- *Ukhuseleko:* lintlobo ezininzi zezikhenkcezisi zikhuselekile, eyona ingakhuselekanga kangako yeparafini.
- *Ukucoca nokuhlaziya:* Izikhenkcezisi zakudala zisebenzisa igesi eyi-chlorofluorocarbon. Ezi gesi ziyayonakalisa i-ozone layer
- *Okona unokukukhetha:* Thenga isikhenkcezisi okanye izikhenkcezisi ezifutshane ezibandakanyela kakhulu ezingenayo iChlorofluorocarbon.

UKWENZA UKHETHO NGONOMATHOTHOLO NOMABONAKUDE

- *Ukufumaneka nexabiso eliphantsi.* Izinto zombane ezisebenzisa iintambo zentsimbi ezizisa umbane zinexabiso elifikelelekayo kwaye kulula ukuba zifumaneka ngokukodwa kwindawo zasezidolophini. libetri ezomileyo zibiza ixabiso elikhulu kodwa zilungile ukulungiselela oonomathotholo abaphathwayo nakubuxhakaxhaka boomabonakude.
- *Ukhuseleko.* Umbane ngowona unokuwuketha koomabonakude nakonomathotholo.
- *Ukucoca nokuhlaziya.* Umbane neebhetri zicocekile ukuba ungazisebenzisa. Indlela ye Photovoltaic yona iyahlaziyeka kodwa ixabiso kakhulu. libhetri zinesinyithi esinetyhefu enzima enjengelothe enobungozi engenakusetyenziswa. libhetri zingahlwa ngendlela ekhuselekileyo ngokuthi zisiwe kwindawo yeebhetri.
- *Okona unokukukhetha.* Izinto zombane ezisebenzisa iintambo zentsimbi zezona zithembekileyo, zinexabiso elifikelelekayo kwaye zikhuselekile.



JONGA EZINYE IINCWADANA NGOKU:

- Ukutyabeka indlu yakho ngesamente
- Ukhuseleko nempilo ngamandla ombane, igesi iparaffini, nelanga
- Ukusebenzisa isiza sakho ngeyona ndlela efanelekileyo



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987